Downloaded from Stanmorephysics.com


**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**UBOMI BUBOMI NGOVELWANO!**

1 Igama elithi, 'uvelwano' ligama abasoloko bethetha ngalo abantu kuba phantse wonke umntu uyakuqonda ukubaluleka kokuba novelwano. Uvelwano lungachazwa ngokuba kukuthatha imeko yomnye umntu uyenze eyakho ukuze uqonde imvakalelo yakhe ngokupheleleyo. Ngokophando lweengcali zengqondo nemikhwa yabantu, babini kuphela ekhulwini abantu abangenalo uvelwano ngabanye abantu. Abo kuthiwa ngabantu abanokuthathwa njengabantu abagula ngokwasemoyeni.

2 Kuninzi okukhankanyiweyo ngabantu abaziwayo malunga nomba wovelwano. Phakathi kwabo singabalula uMaya Angelou, uAlbert Einstein kunye noBarack Obama. NgokukaMaya Angelou abantu banalo uvelwano kodwa into enzima kukulubonakalisa. Kanti ke, okaObama yena uthi uvelwano luyeyona nto idingwa kakhulu ngabantu. Uphinda athi ludingeka ngamandla kuba lwenza ukuba iimeko ezithile zehlabathi zijongwe ngamanye amehlo ukuze kuhlale kulawula uxolo. OkaEinstein yena uxoxa athi, lungekho uvelwano alunakubakho uxolo ehlabathini. Khawufan' ucinge ke ukuba xa singenakubanalo uvelwano singabantu kungayintoni ebomini?

3 Kukwakho iingcaphephe zoogqirha bengqondo ezibethelela ukubaluleka kovelwano ebantwini **ukuze** kukhule ubuntu eluntwini. Kwingxoxo yazo zihambisa zithi, zintathu iindidi zovelwano. Ezo ndidi zezi: uvelwano lweengcinga, apho umntu akwaziyo ukuqonda indlela anokuba ucinga ngayo omnye umntu. Olunye udidi luvelwano lwemizwa, oluthi lona lumenze onalo azibone esosuleleka ziimvakalelo zomnye umntu. Olwesithathu udidi luvelwano lwezenzo, lona oluthi lumqhube onalo ukuba anqwenele ukumnceda loo mntu avelana naye. Xa ubani emamele le nkcaza yezi ndidi zovelwano, angatsho ukuba zontathu ziyadingeka emntwini ngamnye.

4 Uvelwano luneziphumo ezihle nakwintlalo yasemakhaya. Emakhayeni ethu xa sithe saba ngabantu abanovelwano omnye komnye, kukhula inceba, ubuhlobo nemvisiswano phakathi kwezihlobo nezalamane. Buhlobo obo obude buphumele nakubantu esingabaziyo. Nangona kunjalo, akulindelekanga ukuba kwintlalo yosapho kusoloko kuvunyelwana ngayo yonke into. Okubalulekileyo kukuba xa abantu bezama ukucingelana, ubomi buba lula kakhulu kumntu wonke. Uvelwano kumalungu osapho lwenza ukuba kube lula kuwo ukuyamkela into yokwahluka kwawo ngeendlela zokucinga nokwenza.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Kuninzi ukugxekana de omnye umntu azive engathandwa okanye engaxabisekanga kusapho lwakhe xa kukho **ukungaboni ngasonye**. Uvelwano ke ngoko lungasisisombululo sokoyisa iingxaki ezinjengezo.

5 Abantu abakwizikhundla zokuphatha baye bahlangane neengxaki eziliqela ngenxa yobunzima bokukhokela abantu. Kaloku ebomini umntu ngamnye unendlela yakhe yokucinga nokwenza izinto. Kubalulekile ke ngoko ukuba iinkokeli nazo zihlale zikhumbula ukuba izenzo zazo nezigqibo ezizithathayo zinendlela ezibachaphazela ngayo abo bantu zibakhokeleyo. Ngalo lonke ixesha kulindeleke ukuba iinkokeli zibonakalise uvelwano ebantwini. Xa inkokeli ingabonakalisi velwano kubasebenzi itolikwa njengenkokeli ebacinezeleyo abo basebenzi. Ngenxa yoko iziphumo zenkampani zirhuqe kumgangatho osezantsi. Kwelinye icala, inkokeli enovelwano ngakubasebenzi ikhuthaza umoya wentsebenziswano. Kwakuba njalo ke, iziphumo zenkampani zihlale zikwizinga eliphezulu.

6 Kwihlabathi jikelele, amazwe ehlabathi ayalubonakalisa uvelwano. Umzekelo, xa ilizwe elithile lehlelwe yimeko embi nebuhlungu kuba kubi kulo, angenelele amanye, alincede. Iimeko ezo zezifana nomonakalo obangelwa yimozulu; ukutshabalala okwenziwa yimililo; imilo kunye neemfazwe ezishiya izidumbu zabantu zidunduluzile. Isenzo samanye amazwe ehlabathi sokunceda nokuhlangula abantu belizwe elisengxakini siyinika intsingiselo intetho ethi, umntu ngumntu ngabantu. Olu udidi lovelwano ke lubizwa ngokuba luvelwano olubonakaliswa ngabantu kubantu abangabaziyo.

7 Kukho uluvo oluthi wonke umntu uzalwa enalo uvelwano. Kukwakho nolunye olubethelela ukuba abantwana bangakhuliswa ngendlela ebafundisa ukuba babe ngabantu abanovelwano. Nokuba ubani uhambisana noluphi na uluvo, okubalulekileyo kukuba abantwana bakhule befundiswa ukuba novelwano ukuze ihlabathi limiwe ngabemi abanovelwano nobuntu. Ngokufutshane, uvelwano ludala ubudlelwane obuhle phakathi kwezizalwane nasemisebenzini, ngenxa yokukokosana nokukhathalelana kwabantu. Alupheleli apho, lunwenwela kwihlabathi jikelele kuba abantu baphela sebekhathalela nabantu abangabaziyo. Ngalinye ubani angathi uvelwano luphawu lobuntu.

[Sithatyathwe kuwww.pirelli.com, saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Nika isizathu sokuba abantu basoloko bethetha ngegama 'uvelwano'. (1)

1.1.2 Xela ukuba yintoni uvelwano ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.3 Caphula kulo mhlathi ulwazi olusixelela ukuba bambalwa abantu abangenalo uvelwano. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.4 Cacisa indlela ezifana ngayo izimvo zikaEinstein nezikaBarack Obama ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.5 Nika intsingiselo eziswa ligama, 'ukuze' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

1.1.6 Chaza ukuba luyintoni uvelwano lwemizwa. (2)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.7 Nika ngeengongoma eziMBINI iziphumo zovelwano kusapho ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Ibinzana 'ukungaboni ngasonye', elibhalwe ngqindilili ngokwakwisicatshulwa lithetha ...

A ukuthandana phakathi kwamalungu osapho.
B ukuxolelana phakathi kwamalungu osapho.
C ukungavisisani phakathi kwamalungu osapho.
D ukuqhelana phakathi kwamalungu osapho. (1)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.9 Yinyani okanye luluvo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.10 Ngqina ngokwalo mhlathi ukuba inkokeli enovelwano ngakubasebenzi iyayikhulisa inkampani. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.11 Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama, 'zidunduluzile' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kule nkcaza ilandelayo:

... ezishiya izidumbu zabantu <u>zidunduluzile</u> (1)

1.1.12 Xela ukuba usifundisa ntoni lo mhlathi ngovelwano. (2)

**Jonga kumhlathi 7**

1.1.13 Nika injongo yokuba abantwana bakhule befundiswa ukuba novelwano ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kwitekisi yonke**

1.1.14 Esi sicatshulwa siludidi lwetekisi (echazayo/ebalisayo). Xhasa impendulo yakho. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Ithatyathwe ku-www.istockphotos.com]

1.2.1 Xela umahluko ngokobudala kwaba bantu bakulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Ucinga ukuba bavakalelwa njani uLez noSue? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.3 Sibonisa ntoni ngoLez isenzo sakhe sokuncedisa uSue ukuba aphakame esitulweni? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga nezinto ezenziwa ziimbaleki eziphumeleleyo ezinokufundwa ngoosomashishini.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili unika izinto ezenziwa ziimbaleki eziphumeleleyo ezinokufundwa ngoosomashishini.

**IMIYALELO**

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAGAMA AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

**ISICATSHULWA C**

**OOSOMASHISHINI BANGAFUNDA LUKHULU KWIIMBALEKI**

Ngokufunda kwizimbo neengqondo zeembaleki ezikwizinga eliphezulu, oosomashishini bangakwazi ukuqonda okubalulekileyo abanokukuthabatha kwimpumelelo yeembaleki, bakusebenzise kwezoshishino. Naku okwenziwa ziimbaleki eziphumeleleyo okunokufundwa ngoosomashishini:

Iimbaleki eziphumeleleyo ziqala ngokuzibekela injongo engundoqo ezifuna ukuyifezekisa ze ziyilandele. Usomashishini kanye njengembaleki, makaqale ngokwazi eyona nto ajonge ukuyifezekisa kwishishini lakhe. Oko kuza kumnceda ukuba azibekele iinjongo anakho ukuzifikelela.

Akululanga ukumelana noxinzelelo ebomini. Iimbaleki eziphumeleleyo ziloyisa uxinzelelo, ngokuluthabatha ngokuba lulithuba lempumelelo. Oosomashishini, njengeembaleki mabazifundise ubuchule bokulawula ngokuqiqa iimeko zamashishini abo naphantsi koxinzelelo. Ukuzinikela ngokupheleleyo nokukwazi ukuzilawula zezinye zezinto ezenziwa ziimbaleki ezikwizinga eliphezulu. Kaloku, ukuzinikela nokuzilawula kufuna umntu oziqeqeshayo.

Imbaleki ekumgangatho ophezulu imilisela ingqondo namandla kwinyathelo eza kulithabatha kumsebenzi ophambi kwayo. Oosomashishini, njengeembaleki mabafunde ukumilisela iingqondo ekufezekiseni okubalulekileyo ngexesha elithile kwiinkqubo zeshishini.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Kwakhona, iimbaleki ziluthabatha ukhuphiswano njengethuba lokuqinisa ukusebenza nzima nokuziphucula. Njengeembaleki, oosomashishini mabaluthathe ukhuphiswano phakathi kwabo namanye amashishini njengethuba lokuziphucula. Kaloku iimbaleki eziphumeleleyo zisebenza ngamandla nokuba sekunzima kuba zisazi ukuba leyo yeyona ndlela yokuphumelela.

Iimbaleki eziphumeleleyo ziyakwamkela ukuba kwezemidlalo umntu angaphumelela okanye angaphumeleli. Kubalulekile ukwamkela xa uthe awaphumelela ngelinye ixesha. Oosomashishini nabo njengeembaleki eziphumeleleyo mabafunde ukwamkela xa bathe bawa kwimizamo yabo ngeengqondo ezivulekileyo ukuze bafunde kuloo mava.

Iimbaleki eziphume izandla zisoloko zifunda ulwazi olutsha ngeendlela zokuzigcina zikwizinga eliphezulu. Ngoko ke usomashishini xa athe wasebenza ngempumelelo lasemgangathweni ophezulu ishishini lakhe, makazame ukulibamba elo zinga.

Kuninzi okunokunceda oosomashishini kwiimpawu nemikhwa yeembaleki. Nokuba abangebi nakho ukugqwesa ebaleni njengazo, bangagqwesa njengazo kushishino lwabo.

[Sithatyathwe kuwww.enterpreneur.com/author/deep-patel-saza saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Uthatyathwe kuwww.pinterest.com waza wahlelwa, walungiselelwa uviwo]

3.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Kule ntengiso kubhengezwa (imveliso/inkonzo). (1)

3.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'kwaye' elibhalwe ngamagama amakhulu kwisibhengezo-ntengiso lizisa intsingiselo …

A yokuphungula ulwazi.
B yokuthelekisa ulwazi.
C yokongeza ulwazi.
D yokuchasanisa ulwazi. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.3 Xela ulwazi oludluliswa libinzana, 'singakunceda nangoku … 'elikrwelelwe umgca ngaphantsi; kwisibhengezo-ntengiso. (1)

3.4 Cacisa ukuba kuhambelana njani ukusetyenziswa kwamagqabi akumfanekiso okwesi sibhengezo kunye nomyalezo waso. (2)

3.5 Caphula ulwazi olusixelela ukuba isaphulelo ekuthenjiswa ngaso umthengi sesethutyana. (1)

3.6 Nika injongo yokusetyenziswa kwegama, 'sithembakele' kwesi sibhengezo ntengiso. (2)

3.7 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso singawutsala umdla wabathengi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithatyathwe ku-www.cartoonistgroup.com yalungiselelwa uviwo]

4.1 Xela ukuba bangaphi abalinganiswa abakule khathuni. (1)

4.2 Yintoni ebonakalisa ukuba nguLisa yedwa othethayo kwisakhelo soku-1? (1)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo ibe NYE kwezi zilandelayo.

Igama, 'sana' elikwisakhelo sesi-2 lisetyenziswe ngenjongo ...

A yokuqhayisa.
B yokukhuthaza.
C yokugxeka.
D yokuthuka. (1)

4.4 Sibonisa ntoni ngoLisa isenzo sokubuza imibuzo ilandelelane kwisakhelo sesi-2? (1)

4.5 Lisixelela ntoni ngoLindi ibinzana, 'Kuhle kakhulu' elikwintetho yakhe ekwisakhelo sesi-3 malunga neyoga? (2)

4.6 Chaza ukuba umzobi usibonakalise njani isihlekiso kwisakhelo sesi-4. (2)

4.7 Ingaba uLisa ubonakalisa umdla kulwazi alufumana kuLindi malunga neeklasi zeyoga? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**IQELA LASEMZANTSI AFRIKA LILIBETHELE KOWALO ELASECAMEROON!**

Iqela loMzantsi Afrika lifumene impumelelo ebalulekileyo. Oku kwenzeke emva kokuba linqwamzele ekhaya elaseCameroon ngamanqaku amathathu kwelinye emdlalweni obutaka iintlantsi e 'Omni *Sports Stadium*' kwisixeko saseGaroua, eCameroon. Eli qela lingene kakuhle ebaleni lagqagqanisa okomgqakhwe ugoduka.

Kwimizuzu elishumi yokuqala, iqela laseMzantsi Afrika beliphambili ngenqaku elinye elifakwe ngumdlali oyingozi, uCassius Mailula – obhakuzelise umnatha emva kwempazamo eyenziwe ngumdlali wasemva waseCameroon. Kugqithe imizuzu nje yamibini, uMnu. Tapelo Morena wafaka inqaku lesibini emva kokudlalelwa ibhola entle nguMailula. Lizamile ukuphendula iqela laseCameroon ebeliphantsi koxinzelelo – kodwa ibhola yalo ibethe epalini, ayangena emnatheni. UMailula ufake inqaku lesithathu leloMzantsi Afrika, kwathi **xibilili** izibilini kubalandeli ngoba yonke into ibiseyicalanye.

[Sicatshulwe kwi-*I'Solezwe,* 17 eyoMdumba 2023, salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Xela ukuba igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi lisisenzi okanye lisisibizo.

Eli qela laseMzantsi Afrika <u>lifumene</u> impumelelo ebalulekileyo. (1)

5.1.2 Chonga isichazi kunye nesibizo kwesi sivakalisi singezantsi.

Kufakwe amanqaku amane emdlalweni.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isichazi
(b) Isibizo (2)

5.1.3 Nika isizathu sokushiywa kweceba kwisibizo esibhalwe ngqindilili ngezantsi.

Eli **qela** lingene kakuhle ebaleni. (2)

5.1.4 Lisetyenziswe njani igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo?

Umdlali ufaka <u>ibhola</u> emnatheni. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.5 Bhala ngokupheleleyo igama elifinyeziweyo kwesi sivakalisi singezantsi.

UMnu. Tapelo Morena ufake inqaku lesibini emva kokudlalelwa ibhola entle. (1)

5.1.6 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo.

UMnu. Tapelo Morena <u>ufake</u> inqaku lesibini emva kokudlalelwa ibhola entle. (1)

5.1.7 Leliphi igama elisisihlomelo sendawo kwesi sivakalisi silandelayo?

Ibhola yayo ibethe epalini ayangena. (1)

5.1.8 Khetha isifanekisozwi kwisivakalisi esingezantsi.

UMailula ufake inqaku lesithathu kwathi xibilili izibilini kubalandeli. (1)

5.1.9 Nika igama elinye endaweni yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

... emdlalweni <u>obutaka iintlantsi</u>. (1)

5.1.10 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo ntetho.

UCassius Mailula uthe, 'Ndivuye kakhulu ndakufaka inqaku.' (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthatyathwe ku-www.gettyimages.com waza wahlelwa]

5.2.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.

UJane uyazilolonga. (2)

5.2.2 Yakha isivakalisi esinye ngezi zivakalisi zilandelayo ungasebenzisanga sihlanganisi.

UJane uyavuka. UJane uyazilolonga ekuseni. (2)

5.2.3 Sebenzisa isimamva esichanekileyo ukuze esi sivakalisi sinike intsingiselo.

UJane (uzilolonga) imidlalo yehlabathi. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C : 40**
**AMANQAKU EWONKE : 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## MEYI/JUNI 2024

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

**Ukumakisha uvavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Sesokuba phantse wonke umntu uyakuqonda ukubaluleka kokuba novelwano√/abantu abaninzi bayakuqonda ukubaluleka kokuba novelwano.√ (1)

1.1.2. Kukuthatha imeko yomnye umntu uyenze eyakho ukuze uqonde imvakalelo yakhe ngokupheleleyo.√√ (2)

1.1.3. '... babini kuphela ekhulwini ...' √ (1)

1.1.4 Zifana ngokuba zibethelela ukuba xa lungekho uvelwano alubikho uxolo ehlabathini√√/ngokuba ngaphandle kovelwano alunakubakho uxolo√√/ngokuba uvelwano lulo olwenza uxolo ehlabathini.√√ (2)

1.1.5 Yeyesiphumo sesenzo√√/yeyokulandelisa isiphumo saloo nto kuthethwa ngayo.√√ (2)

1.1.6 Luvelwano olumenza ukuba lowo unalo azibone esosuleleka ziimvakalelo zomnye umntu.√√ (2)

1.1.7 (a) Sesokukhula kwenceba, ubuhlobo nemvisiswano phakathi kwezihlobo nezalamane.√ (1)

(b) Sesokwamkela lula kwamalungu osapho ukwahluka kwawo ngeendlela zokucinga nokwenza.√ (1)

1.1.8 C√/C Ukungavisisani phakathi kwamalungu osapho√/ ukungavisisani phakathi kwamalungu osapho.√ (1)

1.1.9 Yinyani, kuba umntu wahlukile komnye umntu ngoko ke neendlela zabo zokucinga nokwenza ziyahluka√√/kuba bukho ubungqina bokuba indlela abantu abacinga ngayo nabenza ngayo izinto ayifani√√/kuba kuyinto eyaziwayo ukuba abantu abazenzi ngokufanayo izinto kwaye abacingi ngokufanayo.√√ (2)

1.1.10 Kunjalo, kuba kuthiwa inkokeli enovelwano ngakubasebenzi ikhuthaza umoya wentsebenziswano owenza ukuba iziphumo zenkampani zihlale zikwizinga eliphezulu.√√ (2)

1.1.11 Ngoweliso√/ngowokubona.√ (1)

1.1.12 Ukuba uvelwano ayikokunceda abantu obaziyo kuphela, kukunceda nabani na osengxakini nokuba akumazi√√/ukuba uvelwano lwenza ukuba amazwe ehlabathi axhasane√√/ukuba uvelwano lubalulekile kwaye luyadingeka kwihlabathi jikelele.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.13 Yeyokuba bakhule bengabemi abanovelwano nobuntu√√/ yeyokuba ihlabathi limiwe ngabemi abanovelwano nobuntu.√√ (2)

1.1.14 Siludidi lwetekisi echazayo√, kuba kuchazwa uvelwano, iindidi zalo nezenzo ezilubonakalisayo√/kuba sichaza imisebenzi yovelwano kusapho, emisebenzini nakwihlabathi ngokubanzi.√ (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Abanye ngabantu abatsha abanye ngabantu abadala.√√ (2)

1.2.2 Bonwabile√ kuba bancumile.√ (2)

1.2.3 Ukuba ungumntwana onobuntu√√/ungumntwana onembeko√√/ ungumntwana onovelwano√√/ungumntwana obacingelayo/ obakhathalelayo abantu abadala.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
  - 2-3 iingongoma ezicatshulwe ngqo : Makanikwe amanqaku olwimi ABE AMABINI.

**QAPHELA**

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | **IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO** | | **IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO** |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Iimbaleki eziphumeleleyo **ziqala ngokuzibekela injongo engundoqo** ezifuna **ukuyifezekisa** ze **ziyilandele**.' | 1. | Iimbaleki ezigqwesileyo zizibekela eyona njongo ziza kuyifezekisa, ziyilandele. |
| 2. | 'Iimbaleki eziphumeleleyo **ziloyisa uxinzelelo, ngokuluthabatha** ngokuba **lulithuba lempumelelo.'** | 2. | Iimbaleki eziqaqambileyo zimelana noxinzelelo ngokulubona lulithuba lempumelelo. |
| 3. | '**Ukuzinikela** ngokupheleleyo **nokukwazi ukuzilawula** zezinye zezinto **ezenziwa** ziimbaleki ezikwizinga eliphezulu.' | 3. | Iimbaleki eziphumeleleyo ziyazimisela, zizeyise kangangoko zinakho. |
| 4. | 'Imbaleki ekumgangatho ophezulu **imilisela ingqondo namandla kwinyathelo eza kulithabatha kumsebenzi** ophambi kwayo.' | 4. | Ekumgangatho ophezulu ijolisa ingqondo namandla kwinyathelo elilandelayo kumsebenzi ezijongene nawo. |
| 5. | 'Iimbaleki **ziluthabatha ukhuphiswano njengethuba lokuqinisa ukusebenza nzima nokuziphucula.'** | 5. | Ukhuphiswano kwiimbaleki lixesha lokwenza ngcono nelokusebenza nzima. |
| 6. | 'Iimbaleki eziphumeleleyo **ziyakwamkela** ukuba **kwezemidlalo** umntu **angaphumelela** okanye **angaphumeleli.'** | 6. | Iimbaleki eziphumeleleyo ziyakuvuma ukuphumelela nokuwa kwezemidlalo. |
| 7. | 'Iimbaleki eziphume izandla **zisoloko zifunda ulwazi olutsha ngeendlela zokuzigcina zikwizinga eliphezulu**.' | 7. | Iimbaleki eziphumeleleyo zihlala zikhangela ulwazi olutsha lokuzigcina ziphumelela. |
| **[68 amagama]** | | | **[52 amagama]** |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 Inkonzo.√ (1)

3.2 C√/C yokongeza ulwazi√/yokongeza ulwazi.√ (1)

3.3 Lolokuba kukho iinkonzo ezizezinye ezifumaneka kule nkampani ngaphandle kwezo sezixeliwe√/ngaphandle kokukhathalela ingca okwenziwa yile nkampani yakwaRandy zikwakho nezinye anokuncedwa ngazo umntu xa athe wazidinga.√ (1)

3.4 Kuhambelana ngokuba kwisibhengezo-ntengiso kuthethwa ngokuthenwa kwemithi neeheji nokuncothulwa kokhula, nto ezo zinamagqabi.√√ (2)

3.5 '... sale nyanga kuphela.'√ (1)

3.6 Kukujija ingqondo yomthengi atsho akholelwe ukuba le nkampani iza kwenza umsebenzi oncomekayo usenziwa ziingcali√√/kukwenza abathengi bale nkonzo bakholelwe ukuba amathemba abo bangawabeka kwabakwaRandy.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.7 Singawutsala, kuba kusetyenziswe ulwimi olulobayo olunjengokuba bathembakele kwaye banamaxabiso afikelelekayo√√/bakwabhale noluhlu lweenkonzo abanikisa ngazo, bakwanaso nesisulu, esisaphulela se-10%.√√

**OKANYE**

Singangawutsali, kuba umthengi akalixelelwanga ixabiso owenziwa ngalo umsebenzi wokucheba ingca ngabakwaRandy√√/umthengi onomnqweno wokuziyela kwindawo ekuyo le nkampani yakwaRandy akakwazi ngenxa yokungabikho kwezo nkcukacha ngaphandle kwezomnxeba newebhusayithi.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

**UMBUZO 4**

4.1 Babini.√ (1)

4.2 Kukuba iqam lentetho likuye yedwa kwisakhelo sokuqala√/ kukuba nguye ovule umlomo.√ (1)

4.3 A√/A yokuqhayisa√/yokuqhayisa.√ (1)

4.4 Akayikholelwa le nto ayivayo√/okokuba wothukile√/ukuba unomdla.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

4.5 Ukuba wanelisekile ziziphumo zeyoga√√/ukuba uyibona imnceda kakhulu iyoga.√√ (2)

4.6 Ngokuthi uLindi oneminyaka engama-67 acinge ukuba kungakho umahluko ngokwenkangeleko yobudala xa ekhangeleka enama-65√√/ngokuthi enze ukuba uLindi acinge ukuba iiklasi zeyoga zinceda umntu ukuba azive emncinci ngokweminyaka.√√ (2)

4.7 Ubonakalisa umdla kuba ubuza imibuzo kwisakhelo sesibini kwaye ummamele kwisakhelo sesine emjonge emehlweni.√√

**OKANYE**

Akabonakalisi mdla kuba akavakali ephendula okomntu onomdla kolu lwazi ngaphandle nje kokubuza imibuzo kwisakhelo sesibini√√/akanantetho evakala ngathi unqwenela ukuzibandakanya.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Lisisenzi.√ | (1) |
| | 5.1.2 | (a) Isichazi – Amane.√<br>(b) Isibizo- Amanqaku.√ | (2) |
| | 5.1.3 | Kungokuba isibizo sandulelwa sisimelabizo sokukhomba√√/isibizo silandela isikhombisi√√/isikhombisi sandulela isibizo.√√ | (2) |
| | 5.1.4 | Njengenjongosenzi yesivakalisi√/liyinjongosenzi.√ | (1) |
| | 5.1.5 | UMnumzana.√ | (1) |
| | 5.1.6 | ungenise√/ukore.√ | (1) |
| | 5.1.7 | … epalini√ | (1) |
| | 5.1.8 | … xibilili√ | (1) |
| | 5.1.9 | obushushu√/obutshisa.√ | (1) |
| | 5.1.10 | UCassius Mailula uthe, u√vuye kakhulu a√kufaka inqaku.√ | (3) |
| 5.2 | 5.2.1 | UJane <u>aka</u>√zilolong<u>i</u>. √ | (2) |
| | 5.2.2 | UJane uyavuka azilolonge ekuseni√√/uJane uvuka ekuseni azilolonge√√/uJane uyavuka ekuseni azilolonge√√/ uJane uvuka azilolonge ekuseni.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | UJane uzilolongela imidlalo yehlabathi.√√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**